# Imvo zabantsundu

(NATIVE OPINION.)

*Authorised Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.*

IXABISO 3d.] KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, DECEMBER 11 1890. [No. 319


KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS,


## Beauchamp, Booth & Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ivenkile YE MPAHLA EZIBUHLUNGU NGAMAXABISO ANGATSHIPU.

ITYALI—Zintle kodwa ziyalahlwa, ziqala kweze 4 6 to £2 inye.
I PRINTI ezi "best " ezihlanjwayo 6d. yard.
Edluliseleyo itshipu i Satin emhlope ne Cream i Muslin yokunxiba enemigca 4d. yard.
I Satin Ezimhlope nezi Cream, 1d., 1/-, 16 nge yard.
Ingubo Zabatshakazi ezenziwa nge zintsha ifashini.
Iflawa Zabatshakazi. Izigubungelo Zabatshakazi.
Ingubo Zokutshata Zamadoda, Izitofu zokwenza Ibhulukwe Zokutshata Ziyasikwa.
Ibhatyi Ezimnyama ezi "best " Zetwidi.

*Yizani kuzibonela ezimpahla ngokwenu. Ngapambi kokuba nitenge napina yiyani ko*

## BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE KING WILLIAMSTOWN.


## KWABAZA KUTSHATA

KANIPOS' IMEHLO APA

Nitini ngesisivato Somtshato esitungwe kwa

## PASCOE (kwa " FOLOKOCO,")

Kingwilliamstown. Yixeleni into embi kuso, ukuba iko.




ITYALI ZETU-UYEVA? ESPECIALLY ezabatshakazi. Ningalibali PASCOE (kwa Folokoco), ngezantsi kwetyalike ye Zikotshi, e Qonce, apo nom'bona kona SALUFU.

### AMAFANDESI KA J. D. ELLIS.

UMTETELI-FANDESI u ELLIS utengisa e Qonce yonke imihla emva kwe Malike yakusasa—ngo Mgqibelo kuhlala kuko Impahla yokufuya etengisayo.

Amafandesi ake Empahla Ehambayo atako

E-MTONJENI, KEI ROAD ngolwesi-TATU Iwesibini ezinyanga zonke. E-TOLENI (DOHNE) E CUMAKALA ngolwesi-TATU lwesine zonke inyanga.

Kuyo yomibini lemisito Abatengayo banokufumana Igusha ne Nkomo.

Bonke abezisa impahla yabo kuye ukuba ayitengise bangahlala besazi ukuba baya kufumana awona maxabiso alungileyo.

Kobhalelayo : J. ELLIS, Auctioneer,
Kingwilliamstown.

## EKA GRAY
Incindi Epitikeziweyo

LINSEED NE HOREHOUND.

iLelonaYeza le NKOHLOKOHLO INGQELE, nazo zonke Izikuhlane zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGEBHOTILE.
5/t LITUNYELWE NGE POSI

Ngatranani Nanganye kwa
P, GRAY, Chemist and Druggist,
CAMBRIDGE ROAD,
KING WILLIAMS TOWN'.


### ABATSHATILEYO.

MTIMKULU-MSIMANG — E Wittiklie Bosch, ngo 27th October, 1890, kutshatiswe ngu Rev. A. E. Schmidt we Moravian Mission, u SIMON Y. MTIMKULU no THERESA ANNA MSIMANG, Umtshato wenkululeko, ite nemvula ebikade inqabile yana lomini yazindaka. 2tlll2

### ABALAHLEKELWEYO.

#### Ihashe!Ihashe1

NDIHLAB' UMKOSI mawetu wehashe Yiponi EBOMVU, etiwe tshivi eyekohlo indlebe, inomtshiso S.M. Ilahleka e Goso. Olandisileyo ndomvuza ngovuyo olukulu. Abhalele ku P. S. MAZWI, care of Mr. R. Viedge, Tabase, Umtata. Elinye lifunyenwe. 3f2711

#### Bonisani Madoda!

ITOKAZI likulu kakulu LIBOMVUKAZI, litshiswe kumlenze wase kunene, ngase kunene pezn kweliso kuko ibalana elimhlope ongeliqondi kakulu ukuba akusondelanga, indlebe zinde kakulu. Apo latengwa kona kuse Dodoloro. Ndibhekisa kakulu Kuni BaTembu. Isiroro sam noko apo sikona nditi lebiwa, ngase Mampondweni. Kwasa elahleke engamahashi amabini, elinye LIBUG WANGQAKAZI. Ondilandisileyo wovuzwa kakuhle. Wobhalela kum or ku Mr. Editor. Ndim,
TAMBA MANTANGA,
3fi2711 Emgwer.yane, Lutuli, Tsomo.

#### Imali! UmsebenziI Imali!

E QONCE, ndingavuya ukuqubisana nabo bonke abafuna umsebenzi e Dayimani, i De Beer's Company ifuna amadoda okumba. Imivuzo yoqalela kwi 4s ise ku 6s. Abafunayo bangaya kuwangenisa amagama abo ku Mr. Newing, naku Mfundisi cutsundu wase Wesile apa e Qonce kude kube ngumhla we 14 DECEMBER. Abakwimimandla yoma Rini, nama Komani, bangawangenisa amagama abo kubafundisi abantsundu bezondawo.

J. S. MORRIS, Wesleyan Minister. Kimberley,
24th November, 1890. 3f412

#### Iqela Lababoleki-Mali.

ISAZIS0 se Ntlanganiso yeqela laba " Bolekisi nge Mali," iya kuba kwa James Gudle, kwa Nomaheya nge 31st DECEMBER, 1890. Ayacelwa onke amalungu aqokelela lemali ye Qela ukuba aze abeko. Ningenzi ngakumbi mzl wekuti, nibeko nonke, ngumhla wokupela wonyaka. Nabangemalungu bayamenywa. Ndim,

THOS. a BECKET MATOLENGWE,
Oncedisa u Nobhala egameni lo Mr-S. Shosha no Mr. K. Masiko, i Committee.
Esihlabeni, Ngqamakwe,
21st November, 1890. 2t1112

#### BONISANI!

IHASHEKAZI ELIBOMVU elifupi, entanyeni linomtshiso we Sikiti sase Xesi (Middle Drift), apo latengwa kona. Linomnye umtshiso enyongeni yase kunene, licandiwe kwindlebe yase kunene. Lanyisa ngenkonyana ELIDUNA enekolo, nomgcana pezu kwetata. Lilahleka e Cwaru ngeveki ezidluleyo. Olandisayo ndomvuza, angatumela ku Mhleli we Mvo.

THOMAS TSHAKA.
King williamstown,
8th December, 1890. 3ifrlll290

#### Ukuhanjiswa kwe Ncwadi.


UMZI ose Rode (Emzimvubu), wazisa izihlobo ezise Koloni nase Natal ukuba incwadi eziya kona ziqutywe ngalendlela : — *Rode Mission, Halfway Hotel, Mount Frere.*

JAMES D. MJILA.
Rode Mission. 3t2512


#### 1. 0s. 0d

Yovuza nabanina onganika umkondo we FOSIKAZI esingci nomsila zimhlope, selimalinga nomnyaka wesitandatu ubudala. Linecawa ezimalunga nesihlanu lati nya e Woburn, e Tyume. Lingaba libiwe nokubiwa.

E. BROWN.
Woburn, Tyume,
27 November, 1890. 3f412

LEMINYAKA 18



IGQITILEYO, .

SINGENISE KWELI LIZWE

## IBLANKETE ZOBOYA

*EZILOKWE NGOBUGCISA OBUBODWA, Igama lazo yi EXTRA NAVY or MATTROSS.*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifanekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZE ZINGATANDATYUZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU. IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile enitenga kuzo ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke.

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

PEACOCK BROS, and WEIR,
E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama.


GRAHAMS TOWN ADVERTISEMENTS.


## BON MARCHE
E - RINI.

Sineyona mpahla ininzi, nentle esi Xekweni apa.

### ONKE AMAGUMBI ANEMPAHLA EKETIWEYO.

Ezona Print! zintle 4d ne 6d nge yadi.
I Galatiya 6d ngeyadi.
Ikeleko Emhlope ne Brown, iqalela kwi 2d nge yadi.
Iflanele 3 ½ d nge yadi.
Ilinzi 4 ngeyadi.
I Sunshades 1s inye.
Ikwiliti 2s l1d inye.
Itawuli 3d inye.
I Cretomes 2d nge yadi.

IMPAHLA YAMADODA,
YONKE IYELUNGILEYO :

IBHULUKWE ZEKODI ziqalela kwi 4s 6d inye.
IBHATYI ZEKODI ziqalela kwi l0s 6d inye.
ISUTI ZETWIDI ziqalela kwi 14s 9d.
IHEMPE ZOKUSEBENZA ziqalela kwi 1s.
IHEMPE EZIMHLOPE 2s l1d.
IMINQWAZI iqalela kwi 2s 6d.
IKAUSI ziqalela kwi 41d nge pair.

## INDLU YAMANENEBAZI

*Yonke Impahla yabaza Kutshata iko.*

Ilokwe Esezitungiwe, nabo bonke Ubuqheleqhele bamankazana, bunokwenziwa ngexesha elifupi.

## JOHN W. BAYES & CO.,
Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,
GRAHAMSTOWN.

£111290


KING WILLIAMS TOWN ADVERTISEMENT.

# GIBBERD no BRYANT.

*ILOKWE ZOKUTSHATA.*

ISATIN EMHLOPE NE CREAM.
25s., 30s., 40s., 50s., 60s.

ILOKWE ZOKUTSHINTSHA (Amabala onke) 25s., 30s., 40s.

IMINQWAZI YOKUTSHATA. 5s., 6s., 7s., 8s., 10s.

AMAGQABI ABATSHAKAZI.
1s. 6d., 2s., 2s. 6d., 3s., 4s. 5s.

IZIGUBUNGELO ZABATSHAKAZI.
3s., 3s. 6d., 4s., 5s., 6s , 8s.

IONDILOKWE EZIMHLOPE.
1s. 6d., 2s, 3s., 4s. 5s.

I-CHEMISES.—1s., 1s- 6d., 2s., 2s. 6d.

EZE 6d. - I-PRINTI - EZE 6d.
Amabala Amatsha.

*GIBBERD and BRYANT.*

## Abahlobo Babantsundu,

*BESIWA BEVUKA NABANTSUNDU*

1. KUQALA:-

## O HADNOTT & Co.(Magqadaza)

EYONA VENKILE INDALA E KOMANI YA BANTSUNDU, babenzela amalungelo anelisayo ngelixesha lobunzima, bonke abanezikweliti kubo ukuza ku June, 1890, ngokuti bavume ukutabata nokuba 11 10s. endaweni ye eponti, bangabizi nzala, kuzo zonke izikweliti zabamnyama ezihlaulwe ngapambi ko December ozayo, baze bamnike umntu ilasiti ene-stamp ngokufezekileyo.

2. KANJAQO:—

O HADN0TT & CO. (Magqadaza)

batengisa koze nemali, ngamaxabiso ahliswe nangokugqite abekuko, waye otenge kubo ngemali esaneliswa kangangokuba enze impinda yokuya kutenga kubo futifuti; ngalendlela zindimbane ezitenga kubo betsalwa luhlobo abatengisa ngalo ezitoreni zabo apo abantsundu bafumana okwa-elisayo ngempali yabo.

Apo nine Ledi, u Notyebisa, ukunitengela estoreni, ne “Myo’ niyileselwe ngapandle kwexabiso.

## O HADNOTT & Co. (Magqadaza).

*ISITORA SOMZI ONTSUNDU,*
QUEENSTOWN.


# IHOLIDE ZEZIKULA.

LOVEDALE MISSIONARY INSTITUTION.— Iseminari yase Lovedale IYAKUPUMLA NGOLWESI TATU, DECEMBER 17; YOVULWA kwakona ngonyaka ozayo ngo JANUARY 29, 1891.

SHAFTESBURY HOME, PEELTON— Isikolo ne Kaya ziyakuvalwa ngolwesi-HLANU, 19 DECEMBER ; ZOVULWA kwakona ngo JANUARY 29, 1891.

LAMPLOUGH TRAINING INSTITUTION (e Gcuwa). Esisikolo se Ntombi siya kupumla ngolwesi NE, 18 DECEMBER, 1890. Sovulwa kwakona ngo 28 JANUARY, 1891.

# Iveki.

UMBUSO wama Putukezi opete e Mozambique uzakutumela ibuto lamadodana elikwi kulu linamanci matandatu anantlanu elivelae Brazil; selifikile e Lisbon.

INANI elirolwayo ngetikiti ukusuka e Kapa ukuya e Vryburg ngololiwe yi £8 1s. 4d. kwi 1st Class; £5 17s. 8d. 2nd Class; ne £3 4s. 8d. kwi 3rd Class.

INKOSI emnyama enguFaku yase Natal idliwe £50 ngamatyala ase Maritzurg ngokuteta okubi ngo Mr. Chadwich umteteleli einatyaleni.

ILAWU elibe libanjwe ngobusela begusha zika Mr. Strydom wase Klipdrift kumandla wase Nyara kubonakeleukuba malishunqulwe umlenze entolongweni, ngokuti lakuba libaleka kanti u Strydom nlutyale uhlwaya elunyaweni. Ulifumene kwindawo ebeseliqelile ukuzixhelela kuyo igusha pakati kwetolofiya.

U DR. MEYER wase Pretoria, obengumpati we Banki uzipalaze ubucopo ngokuzidubula nge pistoli. Ikwazitukutezi zemali.

KUFIKE e Kapa indaba zesipitipiti kwelilunge e Zambesi esibangwe yimpi yama Putukezi ebilinga nkutimba umzi ka Mtaca opantsi kwe Komponi elaula egameni le Nkosazana. Into leyo inqunyanyiswe ngamapolisa e Komponi, batinjwa abazintloko zalonto.

U MR. J. M. PEACOCK ufike kwali (e Komani) ukuvela kwelama Ngesi ngo mkombe weveki egqitileyo. Uze nentsapo yake ukuza kuhlala.

IZICOTO zikolisile ukuzenzakalisa ingqolo zabantu kwindawo ngendawo. U Mr. Fincham wakwa Bonkolo, ngase Komani, ulahlekwe sivuno esihle se ngqolowa besesihlalele ukusikwa.

U SIR CHARLES MITCHELL, i Ruluneli yase Natal iya kufika e Bhai ngolwesi-Ne olu yaye iyakuba kona de kube ngo Mgqibelo, igqite ize e Rini iyingene kona i Cawa. U Sir Charles uyindlela ukusinga e Bloemfontein ekuvulweni kololiwe kona.

KUTIWA odyakalashe bayanda kumandla wakwa Komani. U Mr. John Frost, M.L.A., usand’ ukubulala amashumi amalatu abo kweyake ifam.

U SIR MARSHALL CLARKE. Umpatiswa welase Lusutu utike e Kapa ngeveki egqitileyo ukuvela kwela ma Ngesi ngotyelelo.

KuKo umfo omke ne Komani ngeveki engapaya ebelinga ukuwela.

U MR. SHAW NICHOLSON osisandla se Mantyi e Dordrecht uyafuduka kona ukuya kubamba kwalondawo e Bhofolo.

U RULUMENI utume u Mr. W. J. , Warren, M.L.A. no Mr. R. P. Botha, M.L.C. kwelama Betshwana ukuya kumisa imida yoinhlaba wake awufumene kwelo ngokwaka lololiwe uvulwe e Vryburg ngo December 1.

KUKO umfazi obulewe yi Brandy e ! Rafu, ete kanti kuhleliwenje inencidi yecuba eyobayo. Kambe' igalelelwa ukuyinika amandla.

IPOSI yase Krugersdorp, e Transvaal, ipangwe imali ka Rulumeni ebiyitwele ekwixabiso le £400 ngo Mgqibelo.

INTOKAZI engu Mrs. Pearcy eyarodomisha enye engu Mrs. Hogg nomntwana ! wayo e Hampstead, kwelama Ngesi, ! igwetyelwe ukuxhonywa.

KEKWAWA ikepu e Lady Grey ngazo ezimvula.

KWINTOLONGO yase Rini kulwe intokazi ezimbini u Nxangazila no Mosheka ate woselwa wafa u Mosheka.

KUBUYE kwavalwa enye i Bhanki. Yeyaso Paarl namhla ewa kuba besuke abebegcina imali zabo kuyo bazitabata ngokoyikela oseke kwehlela i Bhanki zase Kapa.

IMVULA seloko zenze into emnandi kweli lingapantsi ngezicawa zintatu.

U MR. FRANCIS BROWN, Obengumteteleli pambi kwe .Taji e Rini nase Kimberley ufunyenwe ebhubhile e ofisini yake ngenye imini ngeveki epelileyo.

ISIGWEBO sokufa esawa pezu ku Mrs. Annie Danise e Cala siguqulwe ngu Mhlekazi Iruluneli sasesobom entolongweni. Kwangokunjalo abebegwetyelwe ukuxhonywa e Mtata nase Kokstad ziguqulwe izigwebo zabo

KUVAKALA ngase ma Mpondweni ukuba Inkosi u Sigcau uyakatazeka zimfazwe eman’ ukuzenza Inkosana Umdlangaso nezinye inkosana, kangangokuba icinga ngokulatila impi yayo iyekulwa no Mdlangaso.

UMZI otenga e Rini nyacelwa ukuba uqwalasele isaziso esitsha so Messrs John W. Bayes & Co. bendlu ye “ Bhongo.”


# Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE. DEC. 11,1890.


## U Rulumeni ngo Nobhala.

INDABA esinazo namhla njalo mcimbi zeziya kutoba amupapu omzi wase Qonce. Isililo esisenzileyo sihambile sakufika e Kapa. Inipendulo ezibuyileyo zintlobo mbini—(1) yeyo Mhlekazi Iruluneli (2) neyamapakati angu Rulumeni. Eyomntu omkulu ayahlukile kwimpendulo zabantu abakulu esibaziyo ngamaxesha okupata kwe nkosi zeletu ibala. Yiyo le : —

Ebhotwe, Capetown,
3 December, 1890.

MNUMZETU,—Ndiquba umnqweno wo Mhlekazi Iruluneli ukuba ndikwazise ukuba Umtandazo Womzi Ontsundu omele i Qonce uwufumene, opatelele kumiselo lo Nobhala be Lekeshoni kulowo mandla, nokuba ndikwazise ukuba Umhlekazi uwunikele ezandleni zama Pakati ake, angatandabuziyo ukuba uyakuqwalaselwa ngenyameko ngawo.
Ndingowake wenyaniso
Mnumzetu,

G. SEYMOUR FORT, Isandla.

Tengo Jabavu, Esq.

Kambe eyona nto ibibuhlungu kumzi wakowetu ibikukubona ukuba lomcimbi bangxanyelwe ngawo, nakwakubeni kube kusekuvakele ukuba banokuteta. okunintshi abebenga bangakwaneka pambi ko Rulumeni ukubonka ukungalungi kwalo mteto. Amava onawo umingo Nobhala angamabi, waye ungazanga wayiqonda into abanceda kuyo. Ite ke lonto yabanga ukuba aboyike. Kekwako abamhlope abantu abati kunganina ukuba uchaswe kangaka lomteto siti Qonce, uko nje kwe zinye izitili kwaye kungavakali kubhombholoza kwaba mnyama kwezondawo. Imbangi yoku siyifumene. Nakwezinye iudawo kute cwaka nje awusaqutywa nakubeni beko bona o Nobhala; abasaqubi ngalomteto usencwadini ngapandle kokwamkela umvuzo wabo. Yiyo lonto kute xum.

Ukufika kwencwadi yo Mhlekazi kupangelelene nokufika komnumzana owaziwa kunene ngamawetu ngokulunga kwake u Mr. NIGHTINGALE, etunywe ngu Rulumeni ukuza kukangela into ekungenziwa yona ukwanelisa isicelo samafama ngendlela engasakuhlininikisa abamnyama. Ngokwenjenje u Rulumeni uwuxolise kunene umzi obe use ulun’ ukumtandabuza, usiti ukwanobumpi ngakuwo. Bekunge nakutunyelwa inene eligqitileyo u Mr. NIGHTINGALE ngokutenjwa ngumzi upela wakowetu. Saye siqinisekile ukuba amacebo aya kuwayaleza ayakuba ngawoku sincipisela ubunzima. Sinosizi ukuba abe akatunywe ukuba eve uluvo lwamawetu ngalento KUWO ngeziqu; kwakona siti ubenanina u Rulumeni ukuba angasiveleli isililo setu kwangapambili, kuba ngewungadanga wakwisituba sokubetabeta indlebe umzi mayelana nabahlobo bawo abapatiswe umbuso. Side sifun’ ukuti makube kukuba umhlobo wenene wetu u Mr. SAUER ebengeko e Kapa kukugula siniua, ebuyile siyazibona iziqamo. Ngati kuncotuke izivingco ezindlebeni yilento yokuba sibe siyapicotwa isililo setu. Uliwa ngalendlela u Rulumeni—ngenteto; ingafecanga inteto—ngevoti. Kuyakuhlala kwaba mnandi kuti ukuteta ngokulunga kodwa ngamadoda angabahlobo betu; akuko nto isivisa ububi njengoku wakalazela ngezenzo ezigwenxa. Siyatemba ukuba uya kuginya amate lelinqaku alibonisileyo u Rulumeni, waye uya kuhlala nge temba ukuba isipumo sokukwenziwayo soba kupumla nokonwaba.

# Impawana.

AMADODA avundileyo ngemali ayavuswa. Inkosazana yelama Ngesi ikupe isaziso sokuba imali ebomvana (igolide) eyenziwa ngexesha elingapambi kokupata kwe Nkosazana u Victoria ayisakuba namsebenzi emva ko 28 February wonyaka ozayo. Kambe kutiwa kuseko amadoda akowetu (kwamadala) amali imbelwa endle, nevunda ezityeyeni; ukuba awalumkanga ayakufumana ukuba afumane afukama ilize. Siwacebisa ukuba atenge akutengayo kwangoku ngemali ' engaba indala okanye ayise ezibhankini igcinwe zizo imali yawo, azisakuswela ukuyazi into ezingayenzayo zona.

KUYINTO emnandi ukubona ukuba ayasebenza amadodana asuke kweli aya e Natal ngeze Lizwi. Kwi *Natal Mercury* siva ukuba: —“nge Sabata, 9 November, u Rev. J. S. Dlakiya wase Durban ushumayele e Cato Ridge intshumayelo zonyaka zentlanganiso zoknkambisa Ilizwi. Ngemini elandelayo kubeko intlanganiso; eyonganyolwe sibonda u Mr. Christian Lutayi ote wenza abukali pezu kwento eziyalezwe zindaba ezilungileyo mayelana nokusindiswa kwehlabati. U Rev. J. J. Jabavu wase Edendale ulandele ngenteto emnandi eyaleza ukuba umzi ungalindeli ukuncedwa ngabanye entweni Zelizwi. Kwangenteto emnandi ulandele u Mr. W. G. Mini; kwaqoshelisa u Rev. J. S. Dlakiya ngamazwi amandla. Umnikelo ufike kwi £20 9s; waye uncomeka kuba ababantu banamanye amatuba abawavelolayo ngemali ngapandle kokuba besaka ityalike entsha.

SIVUYA nomzi wakowetu ose Metele (Middelburg) ode wazicenga ukuba ude ube nomanyano. Njengoko bobona abalesi kwindaba zalowomzi abebala letu bagqibe kwelokuba babenayo nabo Intlanganiso Eliliso Lomzi. Banga bangapumelela nayo. Icebo lokuyibulula kakade kukuhlanganisa umzi kungeko nto yakuxoxa. Ikomiti yayo yona ibingahlangana amaxesha amaninzi kangangoko itanda. Kodwa umzi mawubizwe mhla kuko into evakalayo, ukuze ungabi madolo atambileyo ngomso. Bekungati ngokwanda kwentlanganiswana ezinje kubeko ukubizwa kwentlanganiso enkulu yabatunywa bamahlelo. Lento iyeyomzi ngokwawo — ukunonelela kwawo Intlanganiso ezise makaya. Bambani zime nto zakowetu.

## Somerset East.

[NGU M'BHALELI WETU.]

I SOMERSET NE “ MVO.”

Lomzana wakuti umiwe zizituli zodwa, Banqabile abake babhalele kwi Mvo ngawo, kanti nale Mvo kunye nokuba ipuma apa, kuba no Mhleli wayo (ukuba andiposisi) wawutunda apa lomsebenzi wo kuhlela.

INTLANGANISO ZE LIZWI.

Ngo 7th November sasinentlanganiso ye Ronaskapu yama Wesile; yayonganyelwe ngu Rev. D. Msikinya wase Tinara. Abamhlope ababeko yayingo Rev. A. McAulay, Rev. N. Abraham no Mr. J. S. B. Holden. Ngenxa yokuqutyulwa abantu benza kancinane. Ngobobusuku imali eyarolwa kwasentloko yatika kwi £7 ; iyakutika kwi £10 zakufunyelela izitembiso. E Cookhouse ayikenziwa, siyatemba ukuba yobehle yenziwe, eyakona ingagqita kweyalapa, kuba abantu bakona bapapile kunabalapa. Ngo 9th November

U REV. D. MSIKINYA wahambisa intshumayelo ze Ronaskapu kwabako abaguqulwa zizo. Ngemini zokuba lipa kwalomfundisi kwaba mandi kuti, seva sibulela ngentliziyo ukuba i Conference imtume apa. Sabangati makakahlale akake atsho. Saqonda ngesosenzo ukuba uti masimfune umfundisi, asiqele. Kanisipe iqinga lokumzuza, siyamfuna.

U REV. ALEX. M’AULAY.

Emva kwake ibe zintshumayelo zemvuselelo zomfi u Rev. Alexander McAulay obhubhe kusasa ngo Mvul’ ogqitileyo (Dec. 1); zabamnandi nazo kanye. Ahlabeka amadoda ukubona ukududa kweugwevu yase Lizwini, ekubeni eyase mnyameni yona ngoku seyihleli pantsi kukupelelwa ngamandla, seyiman’ ukuti “ oko besibatsha besisiti,” itsho ilinganise. _

## MIDDELBURG.

[NGU M’BHALELI WETU.]

INTLANGANISO NGEVOTI.

Ngokuhlwa kolwesi-Bini (2 Dec), besinentlanganiso ebihlangene ukukangela eyona ndoda (candidate) esifanele ukunyulayona tina bebala. Nakuba le ntlanganiso ibaziswe ukuba yoba ngolwesi-Ne (4 Dec.), kodwa kute kupakati kwabonakala ise ikawuleziselwa kolu lwesi-Bini usuku; ngenxa yabanqula i Bondi ukuzamela kwabo ukuwunqoloba umzi ontsundu,— sebewugaqela ngama petshana umzi.—Ihlangene intlanganiso kunyulwe i Chairman yaba ngu Mr. T. And rias, ne Secretary u Mr. IL Swartbooi. Aye amadoda abeko egqitile ka nobom ekulwini. I Secretary ukwaneka into ekungayo iqale ngokulesa amagama asezinewadini zonyulo (voters); yalandeza ngokuti, kambe matatu amadoda ogqatso (candidates) aselede atika ekay’ apa— Messrs. Wieuand, Michau, no Sir H. Stockenstroom u Stokwe. Ingene ekucazeni lento iyi voti; yalandeza ngexabiso layo. Yaza yapeta ngokucaza izimvo za'lamadoda matatu, njengoko ate azipalaza esidlangalaleni salomzi umhlope wase kay’ apa. Yaqoshelisa ngeliti intlanganiso le ibizelwe ukuba ivisisane ngeyona ndoda imvo zikolekileyo ko ntsundu umzi, pambi kokuba ipitizeliswe ngodyakalashe abayigaqelaye.

NGOKULUNGA KWE NTLANGANISO.

I Chairman ibonise ngashushu ukulunga kwento ehlangene ngayo intlanganiso; yatsho yalugenga ucango ukuba kuxoxwe.

UKWAMKELWA KUKA STOKWE.

Emveni kwe ngxoxo enandipekayo ebonisa amava entlanganiso ngeligama lika Stokwe, intlanganiso ipela ivumelene kwelokunkotela kuye.

UKUYILWA KWE LISO LOMZI.

I Secretary ibonise imfuneko yokuvana komzi ontsundu, okunokwenziwa lula oko ngokuyilwa kwe mbumba (Isebe Leso Lomzi). Ite ukuyityila londawo yakankanya isenzo sobuzwe nesobudoda esenziwe ngumzi wase Bhekesdorp. — Intlanganiso ipendule ngokuyila intlanganiso (leso) eyakuba ngazo zonke inyanga-ntatu.

UKUBULELWA KOMZI OSE BHEKESDORP.

Kanjalo idume katatu ukubonakalisa umbulelo wayo kuinakalipa ase Bhekesdorp. Yayalela ukuba lombulelo wayo uze ufakwe engxelweni yale ntlanganiso.Bamba-lubobo!

# U Mr. Titos Mbongwe.

Amapepa endaba elama Ngesi afike ngomkombe wokugqibela, afike nendaba ezizeleyo ngembubho eyabangwa kungqubana kololiwe e Taunton. Atsho kwapela ukutandabuza mayelana nokubhubha kwesisihelegu konyana ka Rev, G. Mbongve owayesiya e Amerika ngemfundo. Indawo eyayibange ukutingaza yingxelo yocingo eyati ukumxela u Mr. Titus Mbongwe ungu Titus Bavlis afike ayicacisa ke amapepa. Sitabata amanqaku e *Western Morning News* ye 15 November ngesisihlo: — “ Inqanawe eyi Norham Castle ifike e Plymouth ngobusuku bo Mvulo. Kubeko iqela eliku 41 elibe likwele kulomkombe elibe nomnqweno wokusinga e London kwa oko balungiselelwe i treni okunene efike kwi stishi sase Fitzwarren, esimayile mbini kwicala lentshonalanga lomzi oyi Taunton, yadibana ne treni yempahla ebimi kona, ngokuti umvusi we treni alibale ukuba kuko itreni emiyo apo estishi akubuzwa ukuba akuko treni na endleleni: suka ati ayiko. Bayetuka abaqubi sebegaxeleka kwenye ngamandla; isuke ibe ngulomonakalo. Njengokuba lwaxelayo ucingo kubhubhe ishumi. Ngokupatelele ku Mr. Titus Mbongwe uti omnye um’bhali:—“ u Titus Baylis ngu mntu omnyama (negro), kwaye kusitiwa ungumfundisi obesuka e Capo esiya e Amerika. Ukupela komhambi owenzakala kakubi kuba isidumbu sake situnywe kwasekuqaleni singenayo intloko, efunyenwe seyingu 8 o'clock kubugoxo bokwapuka kweplanka. Kubonakala ukuba ufe ngepanyazo kunye nabanye abane.” Ingxelo yamva iyakungqina oku, ifike kodwa ukumchaza iti “ u Rev. Titus Bayley, ngumfundisi ontsundu obevela e Cape egoduka esiya e Amerika emva kweminyaka emininzi yomsebenzi onzima.” U Mr. Wall owenzakeleyo uti lento ihle ngepanyazo “Umxhosa obe nqweleni nye nabo unqumke intloko kanye, ubehambela e England eyindodana efundiswe kakulu.” Xa kube kucikidwa ukufa kwabantu kufunyenwe ukuba kufike ucingo kumfundisi waso Wesile ose Taunton luvela e Liverpool lubuza ngo Titus ekutiwe ungunyana womfundisi ose Kimberley. U Sergeant Hayes obekangela izidumbu ufumene enganabhatyi na ondulubhatyi kungeko mpahla yake ekutiwa mayibe ibise imandulele ukuya e London.” Kutiwa kufike umntu evela e London ukuza kukangela u Mr. Mbongwe wafika akamnakana. Kube kungekafiki bahlobo, kodwa abebehamba naye bati ungunyana womfundisi wase Wesile, abanye bati ungumvumi umsebenzi wake. Umzi wonke uyakuluvela usapo lwakwa Mr. Mbongwe elusizini onalo; ukuba kuko into yokubatutuzela kolusizi kukuba umfi engevanga zintlungu

# EZABA BHALELI.

ITSHA NTLIZIYO NGE “ MVO.”

NKOSI, Mhleli wepepa elidumekunene: — Kwakona ndicela indawo ngesisijungqana senteto yam. Kwakona ngokwandiswa kwe Mvo.— ndinendawo endinga “umzi” ungayiqwalasela, umhlaimbi kungalilungelo oko ekulandiseni elipepa lawo lidume kangaka, lingatanga apo, kodwa linoncedo ngendlela zonke kuti balo, ekuyimfanelo ke ngoko kuti Bantsundu ukuzivelela zonke inkalo zokuba lipuhle ngamacala onke kubatati balo nase kwandisweni kwalo; enye into besingafanele kukwaneliswa lipetshana elisitata iyure enye ekulifundeni. Awona maliuga angeyesenziwa ngu “mzi” obanzi kangaka,—izibonda kunye ne teacher kunye namadoda anamagama kwizitili azimeleyo abize intlanganiso ezinkulu ngokwandiswa kwe Mvo — andibashiyi nabafundisi beletu ibala, nabo mabenze “ Intuku ” ezishushu malunga nalomcimbi. endibatembayo ke ngoko ukuba banokukwenza oko, bangatsho ukuti umsebenzi ubanzi pambi kwabo *“ Owomnqamlezo.”* Lixesha lokuba sibe sesinalo ipepa elingapesulu kweli esityumtyeka pantsi kwalo ukuzibona ubuntu. Nditi nam akufuneki nakuyicikozela lendawo kuba ingumlala pandle—ndiqinisekile kanjako ukuba “umzi” uyikangela njengokuba mna ndiyikangele unokuyifunqula ngokulula ukuba uwafakile amagxalaba ngakunye. Nokuba ke kambe ulutsha inkoliso yalo ibilitanda elipepa ibingaba yinto entle. ebukekayo, nebalulekileyo kule South Africa. Anditandabuzi nokutandabuza ukuba belitatwa nasisiqingata sabo ngelilikulu kangangokuba lizifince izimvo zomzi nje ngegama lalo, kungabiko nokukuririza simana ukukwenza ngokungafakwa kwe ncwadi zetu, esiti silahlekwe zinto ezise sineni, lixesha, lipepa, yi inki, zizitampo, kantike pakati kwezo nxamleko ayikungena, ngesizatu salendawo yobuncinane bepepa, kungengasizatu so Mhleli. Masimyeke yena azihlalele akanakuzenza ipepa, ngunotshe. Sekuko ibakala elisibonisayo elenziwa ngu Mhleli, elibonisa ukuba kulula ukwandiswa kwepepa eli lona, ukuba bekungeko nkabi zinqenayo zifana nezinye inkabi zenkomo, oti wakuti “Dyok !” iti ukuba ayincwinanga ikupe ubulongo. Nditi u Mhleli uyasibonisa ngesi sihlomelo simana ukubonakala kweziveki, ukuba kulula ukwandiswa kwepepa eli lona, ukuba abamkeli balibatu elinobom. Ndiyawucela “ umzi” ngokukodwa ulutsha wakowetu olune zatifikiti ngemfundo nolungenazo; olune zatifikiti zomsebenzi nolungenazo, kuba lilungelo lwalo, yaye iyakuba lalo nangazayo amaxa ukuba bayibhinqele ngenene lendawo. Makubeko intshukumo kukaloku kwinto zamalungelo enu. Andibi niti nifundisiwe yini lutsha? kungani ukuba ningafezi malunga nale ndawo—nditsho ndingoweloqela nam, masingazingxameli kabini ngonyaka IMVO ngenyanga ye *University* Examination neve Government Examination. Nalo ixesha lokutandwa kwe Mvo likaba no mtinjana. Make nditshonele kwakona mna ugama lingezantsi.

T. T. K.

I “AFRICAN JUBILEE SINGERS.”

Elibuto liqale ukuwupakela umzi imvumo yalo e Town Hall, e Kimberley, ngo lwesi-Hlanu, 28 ne 29 ulto , into oyisabele kakulu umzi. yazala lendlu ibanzi ngaba pulapuli abapongomileyo ezintsuku zombini. Kubuye kwaziswa kwaoko ukuba ngoinso i Africans ziya kungoma e Pirates Grounds, kwi Public Gardens nge Cawa ngokuhlwa, ngo 9 o'clock; unge uptime wonke umzi, yangumutu yedwa kulentsimi, laye likona ne gubu le Victoria Rilles, liman’ ukupana izituba ngengoma ne Africans, into ke leyo ebete yayola ngakumbi imvumo, nendimbane enkulu kunene ichitakele ijuilisiwe. Ngokumayelana nemvumo yakowetu, andisakucalula ukuvuma komntu ngamnye, kuba ndoba ndibandeza ipepa lako; imvumo yababantu iyanconywa nangamapepa asekay’ apa, kwaye kumangalisa nokuqeqesheka kwabo kwisituba seveki ezi 6, koko asimangaliswa kakulu tina, kuba sisazi ukuba zinkabi zala dyokwe kade ku Mr. John Mbongwe oseleke waman’ ukwenza i concerts ezipumeleleyo ngapambili, no Mr. Walklett akaxhamlekanga kakulu ukubafaka kwidyokwe abebesebeyiqela. Umhlaumbi, Mr. Mhleli, abafundi bake bangatanda ukulazt elibuto ngamagama ulo— Umlisela: Messrs. John Mbongwe, Hoffa Sinamela, Neli Mabandla, Thomson

Sepuru, Paul Sinamela, Wellington Majiza, Chas. Mzozoiyana no Geo. Polisa,— Umtinjana: Misses Charlotte no Kate Manye, Byble, M. Keyi, Nobhengula no Annie Sanders. Nakuba u Mr. Walklett efuna ibuto lokuwela ukuya e Ngilane aba bamagama angentla abasakuwacanda bonke lamanzi abanzi etyuwa. Ke, ukuposa igada kulento yenziwa ngulomnumzana manditi, ibiy'into engaba nesihomo ngokunye (ukuba ibingenziwa ngolungxamo obungaka) ukuba u Mr. Walklett ebecele kuwe Mhleli wamazisa imvumi ezaziwayo ezikoyo kumzi ontsundu kwindawo ngendawo, angabuti bantu bandawonye—ndingateti nto nge saziso esise pepeni—kuba into le ibalulekile, yabe iyeyokuqala kumz' ontsundu apa e Africa, okanye iya kujongwa ngamehlo abukali ngabase Ngilane apo kufunzelwe kona, xa kunjalo ke ibinga ngayinto efezekileyo ukuze umzi unga gxekeki ngapaya kwalatnanzi made. Kanamanjazo lento indikumbuza ixesha apa ekwakuko inteto yokuba makuwezwe amadodana antsundu ayokudlala ibhola e Ngilane, yaba nkulu ingxoxo engokufuneka kobu *civility,* i *manners, nencubeko,* ngazwinye ubulungu, kwabanokuya kona. Kukwangokunjalo nakweliqela liyakuya kona, ziyafuneka ezizinto ukuze bangaxakani nezihlangani abodibana nazo kwelozwe, njengama Amerika apulukileyo. Koko kusizeleka umz'ontsundu usarolwa ngengalo ngabelungu nakwinto obungayenzayo nawo ngokwawo, unawo ; nje amadodana abengayibumba ilunge into enje ipetwe yindodana entsundu—ngabula nto ka McAddoo nempi yayo— koko esonge Land la elele obude ubutonngo ko " foyiyafoco." Itsibe msinya ke, yona indodana emhlope izenzele udumo. Okunye u Mr. Walklett kambe ute e Town Hall " utabata amanyatelo ama Amerika ngokwenjenje, yabe netyhabongo (imali) eyakubutwa ngalomsebenzi iyakuncedisa i Mission Work ne zikolo zabantsundu,"—oko knkuti ke kulungile ukuba elibuto lipehlelelwe ngeligama lokuba zi "African Jubilee Singers," kuba kaloku lizakunceda ama Africa, emayibeke lento iyakukangelwa ngumzi. Mandiyeke apo kuba sekunjeke Mnumzetu, Dorotile Ongwevu Ngezihlati, kaubuye uvele sive ngale yeli into. Camagu, Mr. Mhleli, kukuhlala kweyilo ukungayi futshanisi inteto; senditshonela ke.

Ndingowako otobekileyo,
DAYIMANI.

Kimberley 3rd December, 1890.

# Abatembu ne Komkulu Labo.

[NGUMBHALELI WETU.]

IHAMBELO KOMKULU.

Ngo November Oth ibingumhla aba Tembu base Roda nase Cala ne Ngcobo, bazimisela ukutyelelela i Kumkani u Dalindyebo Mtirara. Roda ne Cala langena e Ngcobo ngomhla we 6 no we 7 November, apo bafika sebehlangatyezwa lizwi lakomkulu, libalatisa ukuba ze bangene ngo 12 November komkulu. Lindulukeke elibandlu selinama Qwato ngo 11th November, lakungena komkulu ngo 12 November emini.

UKUNGENA

ahambe ngamabini amadoda esezinkabini zawo ili Roda pambili, Amaqwato ngemva. Inani lalikumashumi amahlanu anesitatu, wamhle umjikelo ekungeneni komkulu; ate esati nqumama aseleblangatyezwa zizipakati ngobuvuzayo ububele—yaye ingu Rev. N. Tile no Ngeanga abeza pambi kwezikulu ezo. A enjenje u Mr. Tile: —Silusizi kakulu zipakati ukunazisa ukungabiko kwe Kumkani yenu, nakuba siyilindele, tina singabantwana, sinicela ukuba nisinyanezele kucebo letu lobusapo, kunye ne Nkosikazi: sihlahle imizi emitalu sonikupela abantu bokunisa kwezondawo, nobuya naziswe ke akufika Ukumkani.

UKUMKANI

ugaleleke ngo 18 November, waziswa wadibana nomzi kunye nezo zikulu ngolwesi-Ne, 20 November. Utikile umhla lowo avele macalana onke amahashe abangezantsi aba Tembu, lada lapakama ilanga kufikwa.

INTLANGANO

Ingene emini emaqanda, eya komkulu mpi yaselenze ingqumru enkulu pambi kwe varanda, Ikumkani ne Nkosana namapakati zipantsi kwayo.

IMIBULISO

Kungene i Roda ne Cala kuqala, lafunda owalo umbuliso ku Kumkani—kwalandela ama Noni, afunda owawo,

I RODA NE CALA

Ku Kumkani ne Nkosi yaba Tembu u Dalindyebo Ngangelizwe, oyena Kumkani wohlanga nesizwe saba Tembu—umzukulwana ka Mtirara, Ngubengenka, Ndaba, Zondwa Tato, Madiba, Hala, iDhlomo, Nxego, Ntande Mboyi, Mguti, iSampu, Cedumo, Ntongakazi, Tembu.

Nguye u Dhlomo Malange, Nkomo zika Madiba:
Nkomo zika Ndaba;
Nkomo zo Sopitsho;
Nkomo ze Ngungxula; Zika toba Tyelingwevu.

Umbuliso wetu wentliziyo egameni labaTembu besiqingata sase Xonxa ne Cala: oko kukuti i Roda, siwunikela ezandleni zako Mhlekazi, sisiti: Banga Ubukumkani bako bungacuma, bande, budo bungabi nakubaliswa pezu kwe sizwe saba Tembu. Malisikeleleke eli Komkulu, amatamsanqa Ezwi lo Mdali ane njengemvula kweli Komkulu. Siva yibulisa Inkosikazi yetu u Nohajisi intombi ye Nkosi Makaula, yanga inganjenge kwezi lomso kumzi waseba Tenjini. Sigqiba ngeliti: Mawusikeleleke, lomzi.—Sisegameni laba Tembu, (Sigd.)

D. Thompson. Kalipa, M. Renqa, H. Matsolo, M. Tabata, P. Nzabe, P. Kula, J. Mgcodo, J. Nqose, J. Mba.

OWAMA NONI.

*[Ibakula lesiqalo lifana nelo le Xonxa ne Cala.]*

Sigcoba ngombuliso omkulu tina Manoni, sinje ngamhla u Ngubengenka wata bata izirele Embolompo, wakutala ukunyanzela aba Tembu ukuba mabacite utshaba olwaluza kutimba umhlaba wase ba Tenjini. Baza bagcoba aba Tembu pambi ko Ngubengcuka, akulucita. Sijije ngamhla u Ngubengcuka watata izihlobo wakucita utshaba olwaluse Gqotyini luza ukucita umhlaba waba Tembu. baza aba Tembu bagcoba pambi ko Ngubengcuka akuluchita, kuba beza ; kutya ilifa lezwe lakowabo ngoxolo. Xa sipambi kwako ngalo mbuliso siyagcoba kuba nawe ngati uya kutata izixobo zokukanya, sakubona imikwa yako emihle ukugxota ubumnyama obugubungele usapo lwaba Tembu. Singagcoba kakulu ubugxote kunye nenkosi yabo u Satana. Siyatemba nawe ukuba uya kusinyanzela nje ngezo utshaba, ukuba sigxote ubumnyama. Sigqiba ngo Manyano Kumkani nomzi waba Tembu. Wanga u Tixo angakunika elo rele lokugxota' ubumnyama. Masibe yi " Mbumba ya Manyama."

(Sgd.) T. Poswayo, H. Ngeanga, J. Sondlo, T. Kiki, W. Ngcweyi, R. Gemane, D. Tyiso, M. Luke, K. Poswayo, C. Xundu,J Jongqo.

IMPENDULO YOKUMKANI.

Ba Tembu base Roda nani Manoni, imbeko enindenzele yona ndiyibulela ngomxelo wam wonke. Ndivuyiswa kunene kukubona ubuko benu, kumibuliso yenu nikankanye u Manyano, nalwalata njengomnqweno wenu; lendawo iyixokozile intliziyo yam, ekubeni ndilusizi kade ukuvela umzi wakowetu, ungasamanyene nje ngexesha lo ; Ngubengcuka no Mtirara; ngumnqweno wam ukunga umzi ungamanyana—oqabayo nongamagqoboka, ze ukwazi ukucebisana ululekane ngemisebenzi, nangento zokanyo, nangentobelo mbuso esipantsi kwawo. Kunga kum kunganje ngokuba niteta. Uyagcoba w'onke umzi ' wakowenu olapa kunye nam.

INDABA.

Ikumkani icele indaba namavelapi ezikulu ezo. Ute kwasu u Mr. Renqa wati silapa nje kukuva indaba ezintle nehambelo pambili yalomzi, sazake sanqwenela uke size kuwubona, kuba siva kutetwa nge Mfundo, ne Tempile, ne Ngqoboko. Akuko nto yimbi ke Kumkani. Nomanyano olu silukankanya kuba ingumnqweno wetu. njengoko lubonakala futi kwi Mvo ZABANTSUNDU. ;

UMANYANO.

Ibeshushu ingxoxo ngalo, wati u Mr. Thomas Poswayo wateta ngobugcisa obukulu kuba engomnye wabalangazeleli ubunzulu balo. Yaza lengxoxo yapelela kwezi zigqibo:— Kuvunyelwene ukuba kubeko Ingqungqutela yo Manyano'lwaba Tembu. II. Kuvunyelwene ukuba intlanganiso yokuqala yokwenza izimiselo zalo, ibe Komkulu mhla kuvulwa ityalike yakona.

ITYALIKE.

Saziswe ukuba igama layo yityalike ye remente zelizw'e laba Tembu, nobeko lwelitye lwamiselwa ngolohlobo. Kuvulelekile kuletyalike ukushumayela onke amahlelo obubedesho, nakuba yona imbedesho yakona ihamba ngemimiso yobu Wesile; kunjalo akuseko ngxoxo ngawo lomcimbi kuba selunamaxesha uxoxwa ulike ugqitywe ngolohlobo.

IMFUNDO,

Ngumnqweno wo Kumkani kunye naba Tembu ukuba kubeko imfundo Komkulu.
Emveni kokuvulwa kwendlu kuya kufunwa i teacher epapileyo ekolwayo, ukuqala umsebenzi wemfundu Komkulu. Inkosana zonke ziyakutumela abantwana bazo kunye namapakati azo; yaye Ikumkani izama onke amacebo asingisele ekusixaseni eso sikolo.

UKUMKANI,

ubulele kunene ubuko balentlanganiso nendawo ete yabonakalisa ngazo iminqw'eno yayo. Watsho wati, umnqweno wake nolangazelelo lwake ngento zokanyo unzulu, enga abantu bakowabo bonke aba Tembu kwanentlanga zonke ezintsundu zingahambela pambili kumisebenzi yokukanya, zizingise ukutobela umbuso ka Rulumente nase kukwebukeni kuzo zonke izinto ezilutsalela pantsi uhlanga. (Kwadunywa.) Yaba iyahlukana intlangano eyole kunene.

## *ABALIMI NA BARWEBI.*

Ixabiso loboya kumsito weveki egqitileyo kwelama Ngesi lityekele ekunyukeni.

Kwifandesi ebelise Blaney kulomandla wase Qonce ngeveki egqitileyo Inkabi zokuxhela zihambe kwi £8 2s. 6d . ne £12 0s.; Imasi zokuxhela £5 10s. ne £7; inkabi ze gusha 16s. 6d. ne 17s. 8d.

Ngezatnini bekuseko abarwebi ngokudla ibisakuba yi marike enonelelwe kakulu eyase Somerset East. Amanani ekufeni kwegqitileyo iveki ayemi ngoluhlobo : Umgubo 28a ne 35s ; Umbona 10s ne 12s ; Imbotyi 8s ne 14s ; Itapile 10s ne 15s ; Inkuni 22s 6d.

Okwangoku inani lokulayisha ukusuka e Kimberley ukuya e Johannesburg lipantsi; inqwelo zininzi ezifuna imitwalo yona ayiko kakuhle.

## IMARIKE.

E QONCE, (Dec. 6.)

Amaqanda—8d to 1/ ngedazini Amatanga —6/3
Irasi eluhlaza—1/4 to 1/9 ngekulu
Ihabile—1/1 to 3/10 „
Itapile—8/ to 11/9 „
Umgubo—16/ to 16/9 „
Imbotyi—8/ to 10/3 „
Inkuku—1/ to 1/7 inye
Inkuni—9/ to 60/ ngeflara

E KOMANI (Dec. 9).

Inkuni—34/ to 60/ ngeflara
Inkuku—2/ inye
Ihabile—3/6 ngekulu
Itapile—7/6 to 5/6 ngenxhowa
Amaqanda—9d to 1/2 ngedazini

E RINI (Dec 6)

Inkuni—10,6 to 42/ ngteflara
Ibhotolo—9 ½ d to 1/5 ngeponti Amaqanda —1/ to 1/4 ngedazini
Irasi eluhlaza—2/ to 2/
Ihabile—3/6 to 5/6 ngekulu
Umbona—9/ to 11/3 ngenxhowa
Irasi—6/ „
Inqholowa entsha—12/6 ngekulu
Isemile—6/6 to 6.9 ngenxhowa
Umbona Omtsha—1/6 ngedazini

## Ingozi Yom'bane e Ngqushwa.

Nge Sabata egqitileyo lidlale izulu kumfundisi wase Tshatshi u Rev. J. C. Coyte, ikukov' ukupuma etyalikeni xa akulula surplice (ingubo emhlope) kwindlwana iyi Vestry. Yinto ebange usizi olukulu kwabayivileyo.

Wife (sobbing)—" Some day you'll find me lying at death's door, and then what will you do?" Husband (courteously)—"My Dear, have you ever known me to be so ungallant as to allow a lady to open a door when was present ? '

## Native Opinion,

THURSDAY, DECEMBER 11. 1890.

WE are glad to be able to report a distinct step in the right direction in connection with the discussion which has taken up much of our space these past few weeks. In the first place a kind letter has been received from His Excellency the Governor on the subject, and we have great pleasure in giving it to the public. It is as follows :—

Government House, Capetown, 3rd December, 1890.

SIR,—I am desired by His Excellency the Governor to acknowledge the receipt of the Petition of the Aboriginal Inhabitants of Kingwilliamstown with reference to the appointment of Location Inspectors in that Division, and to inform you that His Excellency has forwarded the ; Petition to his Ministers, from whom it will doubtless receive careful consideration.

I am, Sir, Yours faithfully.
G. SEYMOUR FORT, P.S. Tengo Jabavu, Esq.

It will be remembered that the sorest point with our people in the whole business was the speed with which the matter was being rushed through notwithstanding the fact that they had certain representations to ' make. They had had bitter experience of the working of the system before, from which they gathered that, while it subjected them to endless worry it was accompanied by no compensating good either to them or to the public in general. It was perfectly natural therefore that their feelings should rebel against the system. It has been said that similar measures are carried out elsewhere, and Natives have not complained. We have made inquiries into this statement and find that the law in these districts is a dead letter—all the harassing accessories of registration and compulsory branding of Natives' stock having, in most places, been dropped many years ago; and people have remained in peace under the so called Inspectors pretty much as Natives in this division have done. All the Inspectors do is, at stated intervals, to draw their salaries from Government.

